

# ISIKHOKELO NGENTSANGU “CANNABIS” NESICWANGCISO SOKUYIMISELA (CANPLAN) KWICANDELO LEEMVELISO ZEZOLIMO

## Imibuzo nee Mpendulo

### 1. Yintoni umahluko phakathi kwezi ntlobo zentsangu i “Cannabis ne Hemp”?


Inkcazelot echaza umahluko phakathi kwe “hemp” kunye nentsangu eliyela, ithi umahluko yindlela ezisebenza ngayo engqondweni nekuyeyona isebeza kakhku ekusebenzeni kwengqondo, ze ibizwe ngokuba yi THC xa ishunqulelwa. Ngokwengcaco esinayo, i “Hemp” iqulathe i THC engange 0.2% nanagaphantsi, nto leyo ithetha ukuba iimveliso ezenziwe nge “Hemp” azinayo i THC eyaneleyo nenokumelana nomlinganiso ofumaneka kuhlobo Iwentsangu ebizwa ngokuqhelekileyo njenge “Cannabis” i CBD (cannabidiol) ngumxube ofumaneka kwi “cannabis”. Zombini i CBD ne THC zizincindi zamachiza ezifumaneka kwizityalo zentsangu yohlobo i “cannabis”. Nangona zikhangeleka zifana zikwanceda ukunyanga kwizigula ezifanayo, owona mahluko umkhulu kuzo kukuba i THC ingakwazi ukubangela ukuba umntu azive esemandleni noxa i CBD ingakwenzi oko.

Ngokulula singathi, i “hemp” ligama elinkwe udidi oluthile kwizityalo zentsangu i “cannabis” kwezinamandla amancinci ekusebenziseni ingqondo kakhulu njenge THC, nto leyo ibangela ukuba esi sityalo isisityalo esinokusetyenziswa ekwenzeni imisebenzi emininzi sikhazi ukuba singasetyenziswa kuninzi Iwemizi-mveliso eyahlukeneyo. Le ntsangu iyi “Cannabis” abantu abaninzi bayilimela ukuyisebenzia emakhaya okanye beyisebenzisela iinjongo zokunyanga.

Ukuze ngoku kuvumeleke ukuba ibizwe njenge “hemp” apha kuMzantsi Afrika, kufuneka olu didi Iwentsangu luyi “cannabis sativa” iqulathe ngaphantsi kwe 0.2% ye THC. i CBD kunye nezinye iincindi zamachiza kwiindidi zentsangu zona zilawulwa ngu SAHPRA ngokoMthetho wolawulo Iwamayeza oyi “Medicines Act”.

### 2. Ingaba sikhona na isicwangciso ngentsangu kuzwelone?

Ewe sikhona, ngomnyaka ka 2021, iSebe leZolimo kuZwelone, Ukubuyiselwa koMhlaba kuLuntu nguRhulumente kunye Nophuhliso Lwasemaphandleni i (DALRRD) liye lasikhupha Isicwangciso-sokusetyenziswa kweNtsangu kuZwelone. Injongo yesi Sicwangciso-sokusetyenziswa kweNtsangu kukunika isikhokelo kumntu wonke ngokuqaliswa nokuhluma kwemizi-mveliso ngentsangu kuMzantsi Afrika ukuze ibenegalelo kupuhliso Iwezoqoqosho, ukudalwa kwamathuba engqesho, intatho-nxaxheba yomntu wonke, uphuhliso Iwasemaphandleni kunye nokuthonyalaliswa



kobuhlwempu. Kungoku nje, esi sicwangciso siyaphicothwa. Esi sicwangciso ngentsangu “CanPlan” eNtshona Koloni silungelelaniswe neentsika ezisithoba Zesicwangciso-sokusetyenziswa kuZwelonke.

### **3. Liyintoni igunya leSebe leZolimo kuZwelonke, Ukubuyiselwa koMhlaba kuLuntu nguRhulumente kunye Nophuhliso Lwasemaphandleni i (DALRRD) xa kuthelekiswa nelo leSebe leZolimo kwiPhondo ngokumalunga neNtsangu?**

iSebe leZolimo kwiPhondo alinako ukukhupha naliphi na iphepha lesigunyaziso esingentsangu esetyenziselwa amayeza okunyanga okanye iphepha-mvume elimalunga ne “hemp” nanjengokuba oku kungumsebenzi oligunya lorhulumente kuzwelonke, hayi igunya lorhulumente wePhondo.

Kwinyanga ka Okthobha 2021, phantsi koMthetho 53 oyi “Plant Improvement Act” ka 1976, iSebe leZolimo kuZwelonke, Ukubuyiselwa koMhlaba kuLuntu nguRhulumente kunye Nophuhliso Lwasemaphandleni i (DALRRD) labhengeza ukuba i “Hemp” sisityalo sezolimo. Ngoku esi sibhengezo sivumela ukuthengwa kwe “**Hemp**” kumanye amazwe, ukulinywa kwayo, ukuthengiswa kunye nokwenziwa kophando ngayo apha kuMzantsi Afrika yaye ne DALRRD liyawakhupha amaphepha-mvume okulinywa kwe “hemp”. Ungalufumana ulwazi olongezelekileyo kwi webhusayithi ka DALLRD, ethi (<http://www.dalrrd.gov.za>).

Amaphepha okugunyazisela Intsangu esetyenziselwa amayeza okunyanga akhutshwa liziko i SA Health Products Regulatory Authority (SAHPRA) yaye ulwazi olongezelekileyo lungafumaneka kwi webhusayithi yabo ethi: (<https://www.sahpra.org.za/licences-and-permits>).

Kule meko, iSebe leZolimo eNtshona Koloni lingakwazi ukuncedisa ekwenziweni kophando, ukuphuhlisa imveliso, iinkonzo zotyelelo nonikelo Iweengcebiso nangolunye uhlobo lwenkxaso kwimizi-mveliso yentsangu ne “hemp”.

### **4. Ifuna ntoni i “CanPlan”?**

Isikhokelo seNtsangu ‘Cannabis’ kunye nesiCwangciso Sokumiselwa licandelo leemveliso zeZolimo eNtshona Koloni, nesibizwa ngokuba yi “CanPlan”, siqulunqwe liSebe leZolimo eNtshona Koloni ze sakutshwa kwinyanga kaMatshi 2023. Esi sicwangciso sibonakalisa ukuqonda neenjongo zeSebe leZolimo eNtshona Koloni ngokumalunga nentsangu esetyenziselwa amayeza onyango kunye neemveliso ze “hemp” kunye nokwenziwa kwazo kwakunye nazo zonke izigaba ezenzeka kushishino, kunye nokuphawula amathuba apho iSebe linganikela ngenkxasso, likhokela okanye lisebenzisana ekukhokeleni.

i “CanPlan” ilungelelaniswe Nesicwangciso Sokumiselwa kweNtsangu “Cannabis” kuZwelonke (2021).



## 5. Zeziphi iinkalo ezigxile kuzo esi sikhokelo?

- Ngummongo womgaqo wolawulo, umthetho kunye nemimmiseloicy
- Zizinto ezikhulisayo kunye nokulungela iimeko zeNtshona Koloni
- Imveliso yeli xesha kunye nezigaba zorhwelwano ngayo kwezoshishino eNtshona Koloni
- Imisebenzi eyenziwa ngabantu abanolanduva
- Izigaba zorhwebelwano, oogxa kushishino kunye nohlalutyo lwemarike
- Ukuphicothwa kwamaThuba neendawo ezisafuna ukulungiswa
- Ulwazi olukhokelela kutshintsho olufunekayo kunye nokuphicothwa kwamathuba asenokunceda
- Iziphumo ezisenokuvela kurhwebelwano ngoshishino
- Isikhokeo esiquka izindululo ngamanyathelo engawona abalulekileyo

Esi sicwangciso sinzelwe ukuba sincede ekuthathweni kwezigqibo kwakunye nocwangciso olungamacebokwiSebe leZolimo eNtshona Koloni kunye nabanye abanomdla.

## 6. Ingaba udinga iphepha-mvume lokuyilima iNtsangu yamayeza onyango nokwenza ushishino?

Ewe, phinda ujunge kum'buzo 3.

## 7. Usenza phi isicelo sephepha-mvume leNtsangu yamayeza onyango?

Jonga kum'buzo 3.

## 8. Ingaba udinga iphepha-mvume lokulima i “hemp”?

Ewe, jonga kum'buzo 3.

## 9. Ndingayifumana phi imbewu okanye izithole zentsangu okanye ze “hemp”?

Uninzi lwemizi yabucala kulimo lwezityalo kunye namaqela azilimelayo angakunceda ukuba de ufumane imbewu onokuyilima. Ibhunga lovavanyo-machiza kweZolimo i (ARC) nalo yenza uvavanyo kuninzi lwezityalo ze lixhase nangokuzandisa.



## **10. Ingaba ingakhona na imali yokuxhasa kumathuba okuveliswa kwentsangu ne “hemp” eNtshona koloni?**

Ewe, ngokwemisebenzi ethile kunye nokulandelwa kwezikhokelo zokuxhasa ngezimali nganaSebe athile kurhulumente weNtshona Koloni.

## **11. Ingaba kulula na ukutyala iNtsangu “Cannabis” ne “hemp” apaha eNtshona Koloni, phofu, zeziphi iimeko ezifunekayo nezilungele ukuvelisa intsangu?**

limeko zokulima olu hlobo lukhoyo lwentsangu ne “hemp” azithanga ncambuka zingalinywa pha eNtshona Koloni, ngaphandle kokwenzelelewa, ngakumbi xa kujongwa umthamo wemvula kunye nokukhanya okwenza ukuba kubenzima ukukhula kwayo. Kwimeko yokulima i “hemp”, kuzakufuneka kunkcenkceshelwe kakhulu kwiindima ezininzi, yaye kusenokufuneka kongezwe ukukhanya ukuze incediswe ukukhula. Isithili saMazantsi-Kapa kukuphela kwengingqi engathi ingakulungela oku kuvelisa kwe “hemp” kwimihlabo eyomileyo, nangona kusekho ukungoneli kwemvula. Kwimeko yeNtsangu “Cannabis”, kuzakufuneka kusetyenziswe i “greenhouse” okanye ilinyelwe ngaphantsi kophahla. Ezi meko zingakufanelanga ukulinywa kwentsantu zizakuthetha ukuba kuninzi ekuzakufuneka kufakelwe nokuziindleko ezininzi.

Oku kusenokubangela ifuthe elingelihe kuninzi lwemisebenzi eyenziwa kwa kwixesha lokutyala kwiindawo ekutyalwe kuzo kwiingingqi zakumaZantsi e Afrika (umz. Pondoland, KZN, Lesotho, Malawi) nakumanye amazwe anje nge (Colombia, Thailand). Oku kusenokutshintsha xa kunokwenziwa olunye ungenelelo olutsha nolunokuthi lulungele iimeko zokulima eNtshona Koloni.

## **12. Umntu angasifumana phi isikhokelo esipheleleyo ngeNtsangu “Cannabis” kunye nokumiselwa kwesiCwangciso (CanPlan) kwiCandelo Leemveliso zeZolimo? (Lo isenokuba ngum’bu zo wokugqibelanalapho sinokongeza iqweqwe kunye ne “QR Code”).**

Nceda ungene kwi webhusayithi yethu kwa [www.elsenburg.com](http://www.elsenburg.com) ze ukhangele i “CanPlan”. Apho, usenokufumana noncwadi oluninzi nolunenkaza eneenkukacha ezininzi.

iiKopi ze “CanPlan ziyafumaneka kwa:

**CanPlan-implementeringsplan** – <https://www.elsenburg.com/wp-content/uploads/2023/03/W.Cape-CanPlan-Final-report-8-March2023.pdf>

**CanPlan Literature Review** – <https://www.elsenburg.com/wp-content/uploads/2023/03/W.Cape-CanPlan-literature-review.pdf>